



# UTitshalakazi uAkinyi

Lawrence A. Konjuro  
isiXhosa






Lo nguTitshalakazi wam.

Igama lakhe  
nguTitshalakazi Akinyi.

Uyandithanda kakhulu.




Utitshalakazi Akinyi  
usifundisa ialfabhethi  
kunye noonobumba.  
Ndiyakwazi ukubiza  
amagama athi: a, e, i, o, u.




UTitshalakazi Akinyi  
usifundise le mibala:  
bomvu, bhlouw, luhlaza,  
tyheli, nomnyama.

Xa kufike ixesha lokulala  
uyasiculela side silale.  
Usiculela ingoma  
yokusilalisa.




Le ngoma yokulalisa ihamba ngolu hlobo:  
Thula bhabha, thula mntwana  
Thula bhabha, mus'ukulila  
Umama uyeza  
Uza neelekese


UTitshalakazi Akinyi wazi amabali amaninzi.  
Usibalisela ibali elahlukileyo kusuku ngalunye  
Iweveki.



NgoMvulo, usibalisela  
amabali ngamadoda  
amangalisayo.




NgoLwesibini, usibalisela  
amabali ngamakhosikazi  
amangalisayo.



NgoLwesithathu,  
usibalisela amabali  
ngezithuthi.

NgoLwesine, usibalisela  
amabali ngezolimo  
nemfuyo.



NgoLwesihlanu,  
uTitshalakazi Akinyi  
usiyalela ukuba sibalise  
amabali wethu eklasini.



UTitshalakazi wethu  
ngoyena titshala  
ubalaseleyo kulo lonke  
ihlabathi!  
Xa ndikhulile ndifuna  
ukuba njengo Titshalakazi  
Akinyi.




# UTitshalakazi uAkinyi

Writer: Lawrence A. Konjuro

Illustration: Vusi Malindi

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2015



This work is licensed under a Creative Commons Attribution  
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

This story was developed at a workshop held at Kenyatta University, with Kenyatta University students, run by Dorcas Wepukhulu and Dr Adelheid Bwire. This book is published in memory of student teacher Lawrence A Konjuro.

**Saide**   
South African Institute  
for Distance Education

[www.africanstorybook.org](http://www.africanstorybook.org)  
A Saide Initiative